SICWANGCISA IKAMVA LESIXEKO SETHU SIKUNYE

Uphengululo Lwezicwangciso (Lweplani) Zesithili

IBhunga leSixeko saseKapa liphumeze iSakheko esihlaziyiweyo soPhuhliso lwamaBala kaMasipala (MSDF) kuTshaziimpuzi (Epreli) 2018. Oku kukhokhela ubume bokuthabatha izigqibo, indlela, ubungakanani nendawo yophuhliso lwedolophu, ukusetyenziswa komhlaba, unonotshelo nophuhliso lwezakheko ezingundoqo kunye nokhuseleko lwemithombo yokusingqongileyo.

Isixeko kungokunje siphengulula izicwangciso zaso zesithili ezisibhozo apho kufaneleke ukuba zizalisekise iSakheko esihlaziyiweyo soPhuhliso lwamaBala kaMasipala. Ezi zicwangciso zexesha elisembindini (iminyakla eli-10) zithi zinike isikhokhelo solawulo lophuhliso lwamabala nokusetyenziswa komhlaba kwisithili ngasinye sesixeko kwaye zithi ziphunyezwe liBhunga.

Izicwangciso zithi zibonelele ngesikhokhelo somgaqo-nkqubo ngokumalunga nobume nendlela yophuhliso lwesithili ngasinye kwaye linike isikhokhelo sezigqibo zokusetyenziswa komhlaba nokusingqongileyo.

Kwakhona zithi zazise amaphulo oluntu ocwangciso-buchule nawotyalo-mali labucala kunye nemibandela ephambili engophuhliso ngokujoliswe kucwangciso lommandla wendawo ngokunxaxhileyo.

Izicwangciso zizo ezi zilandelayo:

- ISicwangciso seSithili sase-Blaauwberg
- ISicwangciso seSithili sase-Cape Flats
- ISicwangciso seSithili sase-Helderberg
- ISicwangciso seSithili ngokobukhulu baso iKhayelitsha/Mitchells Plain/Blue Downs
- ISicwangciso seSithii esiseMantla
- ISicwangciso seSithii esiseMazantsi
- ISicwangciso seSithili esise-Table Bay
- ISicwangciso seSithili sase- Tygerberg

ISixeko simema bahlali, imibutho, abezoshishino namaqela anomdla nachaphazelekayo ukuba bathabathe inxaxheba kule nkqubo engezocwangciso. Ukuze ufumane amathuba okubonelela ngezimvo kwaye ufumane iingxelo, nceda unikezele ngeenkcukacha zakho, ngokuthi usebenzise enye yezi ndlela zilandelayo:

I-imeyile: **district.sdf@capetown.gov.za**
Iwebhusayithi: **www.capetown.gov.za/haveyoursay**
Ngesandla: **Kuyo nayiphina i-ofisi yebhungana leSixeko saseKapa**

LUNGELO MBANDAZAYO
UMPHATHI WESIXEKO
70/2019

CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.